S.E.K. Mqhayi: *Imvo Zabantsundu* (01 January 1938), page 3

**U 1937 No 1938**

> "Khumbula imini zasemaphakadeni,
> Qonda iminyaka yezizukulwana ngezizukulwana;
> Buza kooyihlo bakubalisele
> Kumadoda amakhulu okowenu akuxelele."
> Dut. 32:7

Uphoswe lukhulu lowo ungabangakho mhlana ixhego elingu 1937 lalisenza amazwi omyolelo, liwabhekisa kunyana walo u 1938. Andikulibali ukufa, igosa elimagunya angummangaliso, igosa elimagwevuzo othusayo nakobehleli kakade ezazi iimini zakhe ezixelelwe. Kuthi kwakufika ukufa kufike namaqwebiso, nezothuso, nezoyikiso.

Indoda leyo inkulu ibize unyana wayo ongu 1938, yatsho isithi ke uvumelekile nabanina onqwenayo ukuza emkhuhlaneni. Kuthontelene inkungu nelanga, kuba bonke abakuvileyo oko bebekunqwenela ukuzivela ngokwabo ukuthetha kokugqibela kwenyange elo. Ucele umf' omkhulu ukuba aphakanyiswe kancinane, aguqulwe, ajongiswe ngase bantwini. Uthe ukuba athi ntla ngonyana wakhe u 1938, owaye ngasemva kwakhe mganyana waqala wavakala! Lithe nelizwi beliqale libutshotho, laya livukela ngakumbi Esenjenje:—

Nyana wam!
Kwekw' akokwethu.
Njengesoko nommiselo,—
Wemveli ka Mveli,—
Njengomtheth' ongaphulwayo;
Wendalo ka ndalo,—
Uyemk' uyihlo.
Uya kwelizay' iphakade;
Uyakwenz' ingxel' eminyaka;
Kwiimini zase phakadeni.

Ndikushiya noluntu lomhlaba;
Ndikushiya noonyana baka Adam;
Ndikushiya neentombi zika Efa;
Abeva kanene mntanam!
Baxake no Mdal' owabadalayo;

Uyazizonda ngabo aph’ akhona;
Phof’ ubathanda ngokobom baKhe.

Zizikhulu ngamanene;
Ngamanenekazi okudalwa.—
Banenkani kanene mntanam!
Banokhanda bazizilumko!
O-Mntanam Abantu!
Abantu,—abantu bomhlaba!
Hay’ usapho Iuka Adam!
Hay’ abantwana baka Efa!!

Andikushiyi nanto ke phezu koko,—
K.huph’ ilanga lihambe;
Lijike libuye kusasa;
Gcin’ ubusika nehlobo;
Ugcin’ iimvula zokulima:
Inyang’ ingayek’ ukutwasa;
Inkwenkwezi zivatis’ iZulu;
Ugcin’ umNyam’ elifini;
Umnqophiso kam Nqophiso.
Ihlum’ incha nemithi;
Batye baphil’ abantu bomhlaba;
Ziphil’ iinkomo neegusha;
Akuyi kubulelwa noko,
Lusapho Iuka Adam no Efa.
Ndikushiya nokuhloma kwezulu,—
Iingqimba zamaf’ amabi;
Iinyikima nemibane;
Imityadidi yamagazi;
Incwina nezigulo;
Izililo nezijwili;
Bayawa vukelene;
Kukuhlala kwab’ oko;
Baavukelana bebabini;
Bengabandoda namfazi mnye;
Namhla bezizigidi nj’emhlabeni,

Babengafezwa ngantonina?

Wozam’ onakho.

Wozam’ okuhle!

Ndlela ntle! Ndlela ntle!

Umntu mtanam!

Umntu! Umntu!!

Umntu Nyana wam!!!